

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN NGOLWESI-TATU, OCTOBER 26, 1887.

[No? 155.]

UYAFA NA?

CELA AMAYEZA E GQIRA

LASE GCUWA

Pesheya kwe Nciba.

(1) AWOKOHLOKOHLO
ISHELENI NGEBOTILE.

(2) AWOXAXAZO
ISHELENI NGEBOTILE.

(3) AWESISU
ISHELENI NGESIQUNYANA.

(4) AMAFUTA EZILONDA
ISHELENI NGEBOTILE.

(5) ELEZILO
ISHELENI NGEBOTILE.

(6) ELAMEHLO
ISHELENI NGEBOTILE.

(7) IMIGUBO YEGAZI
ISIKISIPENI NGESIQUNYANA.

(8)

IYEZA ELINAMANDLA

LOXAXAZO

ISIKISIPENI NGESIQUNYANA.

Funda Kakuhle Yonke Into

Le Newadi Ekufundisa yona.

Amagosa e Gcuwa ngo

BAKER, BAKER & CO.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange-
lise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo.
1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlala
' (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile.

Elika

Iyeza Lepalo.

1/6 ibotile.

COOK Ezika
Ipils.
1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

Oka

COOK Umciza Westepu Sabant-
wana.
6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutya Wamehlo. 6d
ngesiqunyana.
Oka Umciza we Cesine. 1/6.

COOK

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Nalipina Iyeza olifunayo unga-
lifumana kwa

E. W. WELLS,
Umpitikezi Wamayeza
ne Opteki,

Bathurst Street, E-Rini,
Ugcina amayeza amatsha nalu-
ngileyo.

ELOBUTATAKA

Nezifo ezingcungcutekisayo.

Eyona ide yancama ukulunga
yi

Wells' Quinine and Iron Tonic

Ixabiso 2/9 ngebotile.

GEORGE GIE,

I-rente yoMhlaba, no Mteto noku Tengisa,
GREY STREET, TARKASTAD.

IZIKWELITI uzibuta ngoku kaulenza, inikwe
umniniyo kwa oko.

Onke amatyala aba ntsundu etetelwa ngemali
encinane kakulu.

Uli Gosa le South British Fire Insurance Company
of New Zealand.

DYER & DYER

ABA MBESI

BENTLOBO ZONKE ZE NGUBO

Bafikelwa zimpahla ezintsha ngo stemele
bonke abafikayo. Ezi mpahla niya kuzi
fumana Zizezona

Zitshipu Etengisweni.

Xa uhambele e Qonce yiti gxada kuleyo ndlu inkulu ye Ngubo yo

DYER & DYER,

Pambi kokuba utenge kwezinye izindlu.

JOHN J. IRVINE & CO.,

ISITORA ESITSHA,
Sengubo nobu Qeleqele
beza Mankazana,
E-QONCE

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6
Ibhulukwe ze Kodi, 5/-
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-
Ibatyi ze Twidi (iqukuujelwe yonke) 6/6
Eze Twidi i Suti, 16/9
Ikeleko, 2 1/2d.
I Printi (intlobo ezintsha) 3d.
I Linzi, 3 1/2d.
Itvali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU.

J. E. L. HULLING,
NGEMITI YASEKOLONI
NEW STREET, E-RINI

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelele kwi

Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site
kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele
xa umntu ebahlwe lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.

Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke esiba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/
Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/-, enkulu 6/-
Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge
otile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/- ne 22/.

Aka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa
nama dyungdyungu—linge mbizana 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/ inye.

Aka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange
bokisana, 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/-

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e
Koloni ezi hleli zigcinwe.

Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlambi uye
kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungeleyo
ngemali encinane.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES

Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, Sec-
tor Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

ISAZISO.

TINA bamagama angezantsi siyawazisa umzi okokuba sivule ivenkile Kulandlu ibiyivenkile yo mfi u
(Ngomti) M. KEEVY & CO. yati ekugqibeleni yano J. BIRT & CO., noko tina ASINANTO NEZIKWELITI
ezenziwa kubo NGAPAMBI KO NOV 1886, ASISOKUZE KE SIZIMEME EZO ZIKWELITI mntwini.
Umntu ezi' hlalwa kuye ngu A. J. Cross.

ABANTSUNDU MABEZE KUTENGA NGEMALI BENGENTLONI
zokuti bayakubizwa izikweliti ezidala.

INTWENINZI YEMPAHLA

Ezifuneka kwabantsundu, ongamjula kuzo, zilula ngamanani kunoko zaka zanjalo. Ukuba ufuna ezona

Nchawa, Amabhayi, Ityali, Nengubo, njalo njalo
zizizo.

Kauze Kuzibonela ngokwako.

EVANS & CO.

Ivenkile endala yento Zonke, ese Koneni.

KWA G. WHITAKER, kwi- IVENKILE KA GREEN YABANTSUNDU.

venkile etengela nentwana KUZA kuvulwa ivenkile efanele Abantsu-
ezincinane kuko, kutengelwa tshipu ndu kanye e Komani. Zonke izinto
ezifanele bona bosifumana zisisulu.

kanye Umbona, nento ezinjalo, Utenga zonke izinto ezinjengo Boya

Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo- Unentlobo zonke zamayeza abantsundu.

Njalo yiya kwa

EDWARD GREEN.

KWA BEET,

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongwe- ni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashe, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisisulu! Isisisulu! e Qonce ukangele emarken. Kufike into eninzi yonoxesha bengubo zamadoda.

Ibhulukwe ne Bhatyi ezingonoxesha zi tshipu.

ISAZISO ESIKULU.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela isitampo noknba yi mali ehamba ngepepa 1-posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, nga paandle ko *Mpilisi Wenene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,
Jgcisa Lemciza.
The Laboratory, Fort Beaufort.

J. G. NICHOLSON,

Igqweta elise zincwadini zakomkulu nomteteleli wama Fandes,

E-NGQUSHWA.

Ulungisa amafa. Uguqula amagama e Tayitile. Uquka izi kweliti zi Bhatlwe kwa ngoku.

IgSgTYonke into ayi patisisweyo ifeewa ngokukauleza.

Uli *Gosa le Colonial Mutual Life Assurance Society.*

Imisesane ye Golide

yoku Tshata,

Vingcani Amazibuko Batembu.

NGO 11th ku September, 1887, ndilahlakelwe yinkabi yehashe e Gwangqa ebomvu linukolo linodevu. Amanqina anga pambili anentsimbi uboya kuwo omane ama- qina bungugulwe itshoba litwe cupe kacinane. Lalahleka Esidutyeni, St. Mark's, apo umkondo uvakala kona olifumenevo ndomvuzi Ababhuhileyo.

MAQUTYANA — U-STINKEY MSENANGA

MAQUTYANA, Inkosikazi etandekileyo ka Jonas Msengana Maqutyana ibhubbe nge 16th October, 1887, 2'30 p.m. Maza-

HASHE.—E Kimberley ngosuku Iwe

15th October, 1887, kubhubhe u PERCY inkwenkwana ka Meshach no Annie Kashe.

Ubudala bake bebuzinyanga ezilishumi

KASHE.—E Kimberley ngosuku Iwe

15th October, 1887, kubhubhe u MINA, intwazana yamazibulo ka Meshach no Annie Kashe. Ubudala bake bebuyiminyaka emine enenyanga ezimbini nesiqinqata

MANENEKAZI!

KANIZE kuzibonela impahla yetu

entsha evela Pesheya kolwandle, E-Ngilane.

I PRINTI.

Ezilungileyo 2 |d kuse kwi 6d.

I PRINTI.

Ezimatakutaku nezibuketshemiya 6d to 9d.

I MUSLIN.

Ezimhlope, ne KOTONI e yi Brocade 4 1/2d.to 6d.

I KELEKO, 2 1/2d to 6d.

IZITEYISI,

Ezilunge kunene, 2/6.

IMITUNZI YELANGA,

W.O. CARTER & Co.

MACLEAN SQUARE,

E-QONCE .

Iveki.

ELI lixesha lokungeniswa zi Felkornet, kwamagama amadoda anokucetyiswa entwe- nizombuso; wonke umntu ongakutandiyo ukutunga umlomo, makati ukuze onwabe, aqonde ukuba lingeniswe yi Felkornet igama lake kumqulu wamadoda. Ngokoks somana ukuti ukuze ningalibali:—Amagama ! Amagama! Amagama!

ZONKE ikoranti zeli lizwe ziyavumelana ukuba Amampondo anyanzelwe, nokuba kude kwadubula imfazwe, ukuba azifeze indawo ekwakuvunyelwene ngazo ngawo no Rulumeni, mayelana nokumbiwa kwendlela, nokupeliswa kobusela, namadabi. Sasite Amampondo mawacele ukungena pantsi kwepiko le Nkosazana njenga Besutu. Ngengeko namhla lamare emfazwe. " Isala

SIVA ukuba igqugula lokutula imitwalo yerafu zomhlaba, kwabanga bangotulwa, ngomteto we 27 we 1887, liya kuhlala e Gala ngo 8 November lo.

INQWELO zama Bhulu ebezixhome ama. planga zisiya e Johannesburg, zifike e Alvani kunzima. Bayilinge kwakona impahla bafumana ukuba balayishe 2,000 ne 2,500 inqwelo ngapezulu

AMAGAMA ! Amagama! Amagama !

IMBUMBA yama Bhulu (Bond), isebe lase Komani, belinentlanganiso ngom.Gqibelo ongapaya. Esinye sezigqihho zayo kukuba mayingancediswa ngemali yakwa Rulumeni imfundo yokafike.

AMAGAMA ! Amagama !Amagama !

IPEPA lase Komani liti ixabiso lecuba elitshaywa yimpi emele i Queen's Town yodwa, lifikile kwi £5,000 ngonyaka.

AMAGAMA ! Amagama ! Amagama!

IBHOTILE ye brandy kutiwa iyi 4 1/2d ngoku e Bhofolo. Akummangaliso ukuba

AMAGAMA ! Amagama! Amagama !

FAN' UKUBA abafundi badiniwe sezi zinto zimbi ziman' ukuvakala ezivekini zepela. " Umhlab'udlokovile," utsho umfo okade abona, xa akangela kala maxesha. Kuko umntwana obulew' e Mossel Bay ngendlela ema- sikizi ukuyixela—yintwazana eminyaka isixenxe ubudala, yayiye esikolweni kwabonwa ingabuyi. Kute kwakafunwa, isidumbu sake safunyanwa sigqijwe sagqejwa ngoko- yikekayo. Sitiwe nya

AMADODA amabini ayakuzingela. Ate akufika ezintabeni ahlukana wati omnye wehla neminye imicauka. Kude kwati rhatya bengaqubisananga. Ute omnye wabona ingonyama wasele bamba ngompu ate akubona akuba uyosela, wakumbula into yokuba ingamaramnko lawo anokukohlisa wapinda zada zazitatu izikoti edubula. Ute akukova ukwenjenjalo waya kukangela apo ati yena uyiwise kona. Suke endaweni yengonyama wafumana uwabo eselelugodo. Hayi ingozi zelizizwe.

AMAGAMA ! Amagama ! Amagama !

E OUDTSHOORN inkwenkwana eminyaka isesitobeni ubudala, ite ikapela ihashe uku- ba liyekutya yalibopelela esiqwini sayo, ye. kata izandla ezingxoweni. Lotuswe yinto ihashe, laposeka paya, yawa, lotuka okunye ihashe lahamba pezulu liyiruqa lontwana yapuka imilenze nemikono. Yafa yilongozi.

IYAKANYEZWA indawo yokuba u Mr. Hofmeyer uya kumawabe ase Natal kuxoxo ngolaulo olunga Gungxuka- Ndinyu. ke; Kutiwa uyangomcimbi epatelele kwi- ngqungqutela ye Koloni zontatu ngendlela ka loliwe eya kwele

AMAGAMA! Amagama! Amagama!

NASE Natal balila ngokunqaba kwemvula.

AMAGAMA ! Amagama ! Amagama !

IMIKHOSI yama Joni yimiyino ukusinga kwa Zulu, Etshowe, ne Ruluneli u Sir A. Havelock ising kwakona. Kuvakala ukuba u Dinizulu akavumi kumhlalamele u

U MR. DE WET Umpatiswa-Bantsundu usinge ngolwesi-Hlanu kwele Golide e

AMAGANA ! Amagama ! Amagama !

NASE Bhayi iyanconywa imasisi. E Rafu kulele abadala nabancinane yiyo.

ABESUTU abahlanu besika Jonathan bava- lelwe entolongweni e Winburg, e Free State. Bebehamba nenqwelo bengamashumi ama- bini, bevela e Dayimani kusebenza. Esi sihlanu sizishiyile inqwelo sekuhlwlwe, satana ngwakanqwa nama Tshaka amabini egoduka, evela e Dayimani, sigqibe kwe- lokuba siwarodomshe, siwapange. Enze isipango ngamagqola kwaoko, ati akuwa, arola izitshetshe abanqamla imiqala, abafi- hla. Afumene £19 10s. kupela. Seleba. njwa ngokuranelwa ngabanye ababesele ezinqwelweni.

AMAGAMA ! Amagama! Amagama!

IZAKUQALA ukumbiwa indlela esuka kwi- cweba lo Mzimvubu eya e Kokstadt, Emfu- ndisweni.

IPEPA lase Mtata libalisa udaba lokuba u Sigcawu, indla-mafa ka Mqikela, inkosi yama Mpondo, ungene evenkileni e Palmerton, wazitatela isuti yonke nezihlangu, ate akukov' ukuzifaka wati umlunga lowo we- venkile, makafake imitya azibope ! Ala- vuma i Yurope.

AMAGAMA ! Amagama ! Amagama !

IHABILE inqabile kungoku e Alvani yaye injaloniye ithalile ngexabiso.

MR. N. ZIBI :—Incwadi eyayinegama lo- mntu owalahlekayo idukile. Ngeubuya ubhale.

ABACEDULULI bempato yentolongo abango Mr. P. Nightingale, Mr. W. Ayliff, M.L.A., no Mr. Theron, M.L.A., bake batyelela e Alvani e Komani, nase Monti, bahlalele ukufika apa e Qonce.

AMAGAMA ! Amagama! Amagama !

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU OCT. 26, 1887.

IRULUNELI, e Kapa, Kwamapakati ifumene inteto yocingo Enkosazana.

evela Pakati le Nkosazana ngalo mcimbi umangele ngawo umzi. Lenteto yeti, Lomteto mtsha awusakuqetulwa, ngetuba lokuba, Aba- cbazi Mteto be Nkosazana bete bakuwu- telekisa no Mmiselo wombuso we 1853, bafumana ukuba awuchasene nommiselo lowo we Nkosazana. Kanjaqo uyangqi- nelana nencazo yo Mmiselo mbuso eyenziwa ngu Mr. Porter, oko waye Ngumchazi- Mteto wakomkulu we Koloni —incazo eyashicilelwa ngo 1 July, 1853.

Umzi ontsundu ubumi kwisiganga sokuba uqetulwa nganina Ummiselo- Mbuso we Nkosazana yinkundla yase Kapa. Xa kusitwa ngaba Cbazi-Mteto be Nkosazana awuqetulwanga, ipelile inkani. Amagama etu ke mawangene, njengokuba ebefudula engeniswa emquIwini wabanemfanelo zokupendula kwi- nto zombuso yonke leminyaka Iwaqini- selwayo ulaulo Iwase Kapa. Inkundla yama Pakati Enkosazana ayigwebi tina xa isiti umteto ayikuuqetula, kuba ungacukumisi Mmiselo-Mbuso," isigwe- bele, kuba ngati iti, ukuba ibifumene uku- ba uqetulwe Ummiselo-Mbuso ngumteto omtsha, lomteto ubungasakwamkelwa yilo Nkundla. Kukuti ke ukuba amaga- ma amadoda anemfanelo ngoko Mmiselo- Mbuso siwangenise. Apo inkani iyaku- vuka kona kumaxa amangalwayo zi Felkornet nazimantyi, ngalomteto kutiwa ngaba Chazi-Mteto be Nkosazana awu- qetuli Mmiselo-Mbuso. Intlanganiso yamhlelo yenze into yengqondo ukuba igqibe kwelokuba elibango letu maze lide liye kumatyala (e Jaji) amakulu e Kapa ukuya kuqonda ukuba kutetwa tinana ngababantu bemi ubuzwe, baquba imiteto yenkosi zabo, abemi edlelweni. Kanjako, xa i Jaji zite siti abo, imhlope ke indlela yesibhono somzi obhenela e Ngilane, icace okunve nevenkundla va Pesheva

mvaba ezimbini—eyobuzwe babo, neyobu Rulumeni. Kanti ke wenjiwenjalo ukuchazwa kwawo Engilane lomzi usiti, upetwe ngqongqo e Kapa, onkosi sezaba ngamapolisa. Abantu esibaziyo abasemi ubuzwe, ngemiteto, nobukosi, ngama Mpondo. Ummiselo-Mbuso ubungena kuwaquka ama Mpondo. Ngokoke siti banyanisele Abachazi-Mteto ukuti awu- guqulwe umteto omdala, xa umteto omtsha ucukuceze abantu abemi ubuzwe babo njenga Mampondo. Siti na ama Mpondo? Kuba kutetwa nje kutetwa ngati, abantu abangasena buzwe babo. Yiyo lonto esiya kuyichazelwa zi Jaji e Kapa saye siyakuwela kakuhle xa sipete isigwebo sazo ngoqetulo lomteto omdalo.

Yena u Sir G. SPRIGG uyiqelile lento yokuti ngomlomo wenza lento, ze kanti ngezenzo wenza enye. Wenjenje nge- mipu, wacela i Palamente ukuba yenze umteto wokuhluta imipu kondiyalwa. Yamnika umteto lowo. Usuke wange- nela wonke umntu obala limnyama onga- zanga wayicinga imfazwe no Rulumeni nase matongweni! Nanamhla ubesibeta nge *boomerang*, ilitye lase Australia, eliti ngati ligitiyiselwe paya nje lizakubeta lomntu ungasemva kwako. Kucukuce- zwa abantu abazipete

EZE ZITILI NGEZITILI.

FORT BEAUFORT.—Yayi yi Navesali yesikula se Cawa nge Cawa engapaya. Ngolwesi-Hlanu Iwayo kungonywe kwa- fihlelwa iziqendu ezitile, kuko nama Ngesi ancome kunene. Amaculo ayeku- mashumi amane neziqendu zikwangako. Yonke lonto ihambiseke kakuhle kanye, kangangokuba kungabiko nto ingapu- melelanga. Izikolo zakwa Tini nesase Hillside kokona zivukileyo ekubeni be- sezityafile.

FORT PEDDIE.—Kute apa kwako intlan- ganiso enkulu eyamenyelwa izinto ezi- mbini ukufika komfundisi omkulu wama Wesile, ohlala e Rini, nokumenyelwa intlanganiso yokubanjiswa kwe Lizwi lika Tixo, le kutiwa yi Ronaskapu nge- nteto yesi Bhulu. Wati akufika Umo- ngameli ngolwesi-Tatu, olwe 12 October, waqala wahlangana namadoda amcela ukuba awancedise kwindawo alike axi- nga kuzo, wavuma ukubanceda ukuba bayakuzinceda nabo. Abonakala evuyile amadoda kakulu yilengqibo; yangena intlanganiso, yazala indlu ngabantu. Aba- teti Rev. E. Gedye, Mr. Joseph Mpahla, no Mongameli. Umfundisi Mr. B. Mama wenza inteto yokuba kurofwe imali, no- mnye owatetayo ngu Mr. Mafongqo. Sati sakuhlanganisa izitembiso neroliweyo £16 8 2 1/2, impahla ozibhokwe negusha 5 ingxowa 3, inkunku 6, idada 1. Amapepa okucela imali siwatumele emva kwentlan- ganiso, yapela intlanganiso imandi kakulu.—Yangena kwakona Emtati ngolwesi-Hlanu October 15, 1887; abatei Revs. E. Gedye, B. Mama, Umongameli, yamandi kakulu,barola abantu base Mtati bonke ababeko, barola ngentliziyo ezi- cwayitileyo berola imali nengxowa zama- zimba ngambini ngapezulu ibhokwe, abanye ngantatu, abanye ibhokwe. Ndi- yawuncoma umzi wase Mtati, wenze ngapezulu kwento ebendiwulindele yona. — Kwakona kubeko intlanganiso e Durban, 20 October 1887, yokubekwa kwezandla komfundisi wase Mtati u Rev. S. Magawu. Umpati walomsebenzi ngu Mongameli omkulu wase Mkangiso u Vulindlela, wateta amazwi esiyalo, ewa- tabata kwi Zenzo II. ivesi 24, nakuba ndingaba ndipazamile wayeteta ngo Barnabas, ilunga, umonwabisi werame- nte nomtutuzeli wayo. Wateta amazwi amhlope u Vulindlela ayinyaniso, kuba naye efana no Barnabas, engumtutuzeli weramente, umfundisi owatunywa ngu Tixo ukuba aze kumisa ubufundisi babantu abantsundu. Ndahhala naye iminyaka emininzi intshumayelo yake ayizange ingandituzuzeli, ndiyazi ukuba nditeta into eyaziwa ngabo bonke abantu. Sati yakupuma intlanganiso sayakumcela ukuba esisiyalo makasishicilele ngesi Xhosa. Simnqwenelela ihambo entle, ekwano Mrs. Lamplough, efana kwanedoda

dala efile.—Lifikile igqabi lika lonji umti wotalaso. Ngo-Mgqibelo (15 inst.) kule- nyanga kuse ibokwe ezimbini zika Ngqa- se, zihlinzelwe kulomfulana bati ngu No- kanyiyasala yonke inyama, batata imfele. Ewuhlabile kuma Polisa, axele intaka yobusi ifunyenwe yingcungcu, asuka angama hilihili.

ESIHLAHLENI KWA MAKAULA.—Ngo- mhla wa 30 ku September, 1887, bekuva- Iwa isikolo salapa esinikwe ngu Mr. Alfred Cumbela, baye nabantwana inani labo be 47. Kwenziwe izifundo ezima- melekayo ezesi Ngesi nezama Xhosa. Siyaqala ukuncuma sakubona ihambiso yemfundo ebantwaneni. Wabulela no Nkosi u Makaula ngamazwi ahlabaya, nawe mvuselelo. Yati into ebete sanom- tukoko omkulu, kukuva iculo elivunywa ngonkosi, elileli amazwi alo: —

Nantsi inkosi ya Mabaca Umakaula wetu Naso isidwangube esimbala unkone &c.

Abantwana abafunde

UMANYANO NGE MVO ZABANTSUNDU,

TRANSKEL.

Intlanganiso yomanyano nge Mvo Zabantsundu pesheya kwe Nciba ibe idibene kwa Nomaheya kwikaya lika Mr. J. Syongwana ngomhla we 30th September, 1887, ngo 9 o'clock.

Lentlanganiso yayi yeyengxoxo ezimbini. 1. Kufanelekilena ukuba i Transkei lidibane ngesibhenso so Tung' umlomo ne Koloni, nokuba akufanelekilena? 2. Ngumntu osimo sinjanina emasimamkele aze abe ngummeli wati apa, e Transkei, e Palamente.

Amanene awayeko ngala: Yi Chairman, Mr. Mazamisa; Messrs. A. Gontshi, A. Mazamisa, Revs. S. Mzamo, Jno. Sikwebu, Messrs. L. Mgidi, S. Shosha, P. S. Lusaseni, L. Mbanga, Tongana, S. Kwatsha, S. Dudumashe, M. Valela, J. Syongwana, S. Mdletyi, Dingiswayo, J. Mvinjelwa, senior and junior, namanye amanene. Ewonke aye nga 79.

Kusuke i Chairman kuqala yenza intshayelelo ngamazwi amafupi, yati: Mamfengu, senisemva, siti sedwa ngoku abantu abangenazintlanganiso zohlanga, kufanelekile site sanazo, kananjalo sazikutalela. Kuba ngapandle kwentlangano yetu asisoze sibe nazinto ziya kusilungela. Wati niyabona, nanamhlanje ezingxoxo zanamhlanje zibe zingxoxo zake wonke umntu ose Transkei apa, noko sibaninzi nje namhlanje asililo inani elilungele lengxoxo yanamhlanje. Yizani zihlobo nonke ezintlanganisweni ezinje ngale yanamhlanje. — Kufundwe ingxelo yentlanganiso egqitileyo.

U Mr. Jos. Jno. Sikwebu wati, mna lento yesibhenso sase Colony nditi ngomoya mnye ne Colony sifanele sincipesile ngezizatu ezibini nezitatu, esokuqala kukankanywa yi Palamente umntu emnyama ukuba makati yena ukuze abe nelungelo lokuvota abe unendlu exabiso linga £25, ze ati xa ibonakala ingafikeleli kwelonani, angabi nalungelo lo voto. Watsho wati andiva bala limbi ngapandle komntu omnyama. Utsho wati kanjalo ekufundeni kwake emapepeni, naseku- yicingeni lento, okwenyaniso uyitumanisa iliyelekenqe lokukupama amateba, angamaciko, abameli babamnyama abamele i Colony. Watsho wati kanti nook bengamele bona nje, kuko ubulungisa ababenzela bona. Sabeke singaba sezi- ngozini xa bapumileyo, kuba bofunyaniswa banyulwa zinikisi. Utsho wati kufanelekile ukuba singene singakangeli emacaleni, kuba namhlanje kuse ncopeni yokuba ukuba i Colony ligwetyiwe, kumhlope nati singabamnyama nje siya kuba pantsi kwesigwebo, lingagwetywanga, nati sopumla ngobuvoti babo. Utsho wati, zenikumbule pakati kwengxoxo yenu ukuba namhlanje sihlutwa isipiwo setu esasisipiwe, namhla kutiwa hai nina masibe sesetu sedwa, tina magwangqa. Kulungilena ke ukuba siti sizibona zisimka sibe sisisi masixiyeke esinkulu sosala namankonyana, kuba ilungelo lomhlaba eii zinkomo kuti, ilungelo lendlu eli ngamankonyana. Into efa ingekakuzuzisi nto, kuba ainjalo ingxan- de, kuba uti umhlabi usaluqale isiseko ipele imali lufe ke ngako oko ungekahlali kulo. Utsho wati anditsho ukuti ingxande azilungile, nditi kodwa njengokuba inkomo zisimka nje, aman- konyana onincedana. Maziti zimka abe

kanye mpela-mpela, sibe sithi hai asilifuni necebo lako Mr. Hofmeyr. Sibe sithi ke ngako oko masivote kunye namaqaba. Kanti ke singalindela malungelo ani xa sidityaniswa kunye namaqaba? Ulungi- le umsalane lo ukoyo wezindlu zengxa- nde. Nditu ngokwam ukubona asifanele ukuba singene kuso esi sibheni, kuba Bingxamele ukuchitha namalungelo.

U Mr. Jno. Sikwebu ute, nantsi into, ndinga ndingafumanisa ukwazi ukuba inzuzo nelahleko efunwa kwesi sibheni yinina, kuba yena ngokwakwe ukubona sinenzuzo kade esesiyifumene le iti masake izindlu, ke ngapaya singaba sifuna ngesibheni indawo yokuti noko aba base bumnyameni nabo mabakutazwe ebumnyameni babo na?

U Mr. P. S. Lusasseni : Ngokwam uku- bona lendawo niwomele kuyo ayichasiwe naye Colony. Nto i Koloni ingayivumi- yo yiyo le, yokuba, ewe kwatshivo kwafwa, umtelo ungaguqulwa xa ufuyaniswe ungalungile. Yinene kwatiwa mauguqulwe kumntu omyama yedwa na? Akatshona u Fitolu ukuti kubo bonke abapantsi kwam andikethi bala? Umtelo mauhambe ngokufanayo, batsho besithi kuyinto esimanga ukuti mhlana, nyakana nge Jubhili ye Nkosazana, ngo- nyaka zonke izintu zonwabileyo, ize yona le ingumntu omyama ibe ibo- ishwa ngamakamandela, kufunwa uku- hlutwa ukuya kwayo ebikutyi kwimi- nyaka enga 30 mhlamba ngapezulu egqitileyo.

U Mr. Jno. Sikwebu : Inzuzo nelahleko yini ke ? I Chairman: Mna andiboni ndingene kwisibheni se Colony kuba ndisengum- ntana, ndingethi xa ubawo eqala namhlanje nam ukundingenisa e Palamente ewe sendisithi nam ndiyabhena engekandiboni nokundibona. Kulungile kutetwa nge- ngxande nje, yakani ingxande siqubele ekukanyeni.

U Mr. Jos. Jno. Sikwebu: Nali ilizwi emaniklangele, kuthiwa musani ukusi- yeka isilo nisazi ukuba siza kutya nina side sipume sonke emgodini. Saleni sisavela ngokutsho ko Mhleli wepepa eli *Zimvo*. Ngokwam ukubona utsho nakuwe Transkei uti, musa ukuti le Pala- mente ibihlangene ngu Amen, akusoko- buye kubeko zimbi eningathi nise kuyo iziroro zenu. Kumbulani ukuba nje- ngokuba nani ningeniswa nje nizakusa ngommeli wenu izikalozenu, zezipicotwe, zime umhlambi njengoko nifunayo. Niti niyakululwa ezipasini njalo-njalo. Konake ngenxeni yesibheni ukuba nite nabuya nafakwa zenu, yinto leyo eni- ngeyikalazalina? Ngazo izintu yawa kumbulani kanjalo ukuba ingxande ezi kutetwa ngazo aziko. pesheya kwe Nciba apa, kanaanjalo nazi zikoyo Zimbalwa akuko bani ungatshoyo ukuti zifikile zonke enanini. Yazini ukuba kuzaku- bako abakangeli, ke ezizindlu zenu mna ndisazoyikela, kuba zakive ngesoyi, azinye zezamatye apa angathi ngamaqeka ebe esaka izindlu, izinto ezine *joins* ezisalele pezulu zada zema ezantsi, ezinye zinto apa ezingena ziseko, njalo-njalo. Niti ke ezizindlu kungatiwa zizo. Lu- mkelani ukulahlamba imbo yenu ngo poyi- yana kuba nijonge kwezingxande enizaka

U Mr. S. Shosha: Nam lamazwi ka Mr. Sikwebu ndiyavavuma, nditi masithi singena njengokuba siza kungena sibe sizilungiselele.

U Mr. Jacob Mvinjelwa: Lengxoxo indikumbuzo ngembali yosapo luka Faro Iona Iwathi noko kwakubo amatuba oku- sinda Iwasuka Iwangxamela pambili, Iwaza Iwafa ke ngako oko. Kulungile siroxe lihamba i Koloni, ze xa liyayo lipene ngathi, 'ze xa lingafanga sipepe

ngalo. Ingxoxo ite ngo half past two yaxhonywa evotini. Angasichasanga isibheni, 8; asichasileyo, ayi 34. Kute kwakupu nywa kwaiyawa edinaleni, kwazinyama, kofu, tea. Yabuya yangena ngo half past three.

OTTISHALA NEZIBONDA NENGXOXO ZOMBUSO.

U Mr. A. Gontshi wafunda incwadi evela kwi Gqweta elikulu e Kapa nge- ndawo yokubuzela o titshala nezibonda, ukuba azikona engozini xa zisezintlanga- nisweni ezinjengale. Ite incwadi hayi, izibonda aziko ngozini kanye, kanjalo zititshala eziyi Class III ezingasengozini, ezinye hayi. Safumana ke ngako oko sonke tina bamnyama singeko ngozini. Sayibulela impendulo.

UMMELI.

U Mr. A. Gontshi: U Mr. Helier uti uxakekile, akanako ukusimela ngako oko, masithi ke umntu esiya kumketa abe ngumntu oyakubhala emapepini izinto angasenzela zona, sizeke sitelekise kulo- nteto, nokuba ulungile. Ngapaya koko akaboni nto yimbi angathi isilungele. Ute watelelwa ngu Mr. John Sikwebu, "kwavunyelwana.

ABATUNYWA.

Kwamiswa ngu Mr. P. S. Lusasseni ukuba makubeko amadoda abe matatu amakaye kule ntlanganisno iyakuba ngo October 6. Watelelwa ngu Mr. Jos. Jno. Sikwebu. Kwanyulwa i Chairman, Mr. Mazamisa, Messrs. A. Gontshi, Japhta, Mvinjelwa.

INTLANGANISO YABATEMBU.

[NEHEMIYA NITILE.]

Ngomhla we 10 October 1887 ibiyinto enkulu yentlanganisno yohlanga Iwa Batembu. Yatyiwa yabonakaliswa into yencwadi yentlanganisno yaba Tembu ebise Mabinini; zati ezinye inkosi zakuba—lenteto yaba Tembu yeyayitwa ngu Ngangelizwe, kwatiwa hayi—esi sisi- bheno sokutungwa imilomo abantsundu. Kwayekwa kubonakala ukuba ukutu- ngwa imilomo kwaqalwa ngaba Tembu entetweni ka Ngangelizwe. Namhlanje isenzwa kuzo zonke nje intlanga, ngulo Kulumento.

Intlanganisno igqibe (1) ukuba kubule- Iwa Abatembu abase Roda ukuvusa umzi wako wabo. (2) Igqibe kwelokuba makuwele inkosi nabantu abanganyu- Iwayo bokuhamba nenkosi ukuya kwi Nkosazana nokubeka kakuhle pambi ko Mntan' Omhle intlalo yetu ukubamni ngalendawo. (3) Igqibe ukuba maku- hlanganiswe imali yompako nokubuzwa kuwe ixesha lokunduluka. Incede ka- kulu into ka Ntilashe u Sangoni ukutyila nokucacisa, nento ka Pantshwa Sayilisi, nento ka Mgwetyana u Simon nabanye abayiqondileyo lento.

Impawana,

Ama Bhulu akupapamele kanye ukungenisa amagama awo kwilungelo laba nezwi ekupenduleni into zombuso. Inkulu zawo e Kapa o Mr. Hofmeyr, zikupe isaziso esikulu kunene into egqibe icala lonke lepepa—zihlaba umkosi kuso sonke isibhulu ukuba siwangenise amagama. Hinani mhlambi wakowetu. . Yinto yaka yakona le ukuba itii indlu isitsha, bevuswa abaleleyo, babe begavumi ukuvuswa? Inkwenkwe yomntu omyama ipulapula xa kuyalwa eye nkosi. Ngamakwenkwe enkosi ke. Amabhulu, la avalwa zinkulu zawo. Huku ke! Yiyani, mhlambi tumelani kubabhali-magama ukuya kungqina ukuba angenisiwe amagama enu.

Amagama! Amagama! Amagama!

